# Iziqulatho

Imvelaphi yeSicwangciso saseNtshona Koloni sika-2023 esingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo nezinto eziphilayo ..... 3
Iinjongo zeSicwangciso saseNtshona Koloni esingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo ..... 3
Inthetha yotshintsho ..... 4
Incubeko yesizwe kwezendalo eNtshona Koloni ..... 5
Usetyenziso olucetywayo nokuphunyezwa kwezicwangciso ezingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo nezinto eziphilayo (WCBSP) ..... 6
Ukhankanyo lwabasebenzisi beWCBSP ekujoliswe kubo ..... 6
Isicwangciso esingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezohlukeneyo nezinto eziphilayo (WCBSP) ..... 6
Iinkcazelo neeNjongo zoLawulo zeeNdidi zeMephu yeSicwangciso seWCBSP ..... 7
Izikhokelo ngokusetyenziswa komhlaba ..... 9
Ungazifumana njani iinkcukacha ezithe vetshe ngesicwangciso saseNtshona Koloni seNdalo (WCBSP) ..... 12

**Isicwangciso saseNtshona Koloni sika-2023seNdawo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo neSishwankathelo ngeZikhokelo**
PR 57/2024
ISBN: 978-0-621-51892-4

**Ucaphulo Olucetyiswayo**

CapeNature. 2024. ***Izicwangciso zaseNtshona Koloni zika-2023 ezingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo nezishwankathelo zezikhokelo V1.01***. Ingxelo Engapapashwanga.

* Imibuzo mayibhekiswe ku- wcbsp2023@capenature.co.za

## Imvelaphi yeSicwangciso saseNtshona Koloni sika-2023 esingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo nezinto eziphilayo

Umthetho waseNtshona Koloni weZinto Zentlobo ngeNtlobo Eziphilayo onguNombolo 6 ka-2021 (WCBA) uyakuqonda ukwahluka ngokukhethekileyo kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo eNtshona Koloni, izibophelelo zeRiphabliki kumazwe aphesheya, ukuxhomekeka kwephondo kwiinkonzo zobudlelwane bendalo, imfuneko yokukwazi ukufumana kunye nokwabelana ngeenzuzo, kunye nemfuneko yokuqinisekisa ukomelela unxulumano lwendalo kwixesha elide. Enye yeendlela eyisungulayo ukuqinisekisa ukuba kuyakwazi ukuphunyezwa ezi mfuneko yileyo yeSicwangciso saseNtshona Koloni seNdawo yeNtlobo ngeNtlobo yezinto Eziphilayo (WCBSP). Esi sicwangciso, esasukela kwiSicwangciso sika-2017, lunamacandelo amabini abalulekileyo:

- Uxwebhu lweSicwangciso saseNtshona Koloni seNdawo yeNtlobo ngeNtlobo Eziphilayo (WCBSP): Olu xwebhu lubanzi ludandalazisa isikhokelo seqhinga-nkqubo locwangciso lweendawo. Luqulunqwe ngokuhambelana neemfuno ezichazwe kwiSahluko sesi-5 soMthetho waseNtshona Koloni weZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo (Umthetho onguNombolo 6 ka-2021).
- Umthombo woLwazi weSicwangciso saseNtshona Koloni seNdawo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo (Imephu ye-WCBSP Map): Isixhobo esiluncedo sokubonisa indawo, imephu yeWCBSP inikeza ngolwazi olubalulekileyo ngendlela ebonisa ubume bezinto endaweni.

Injongo yezimvekilso kukuchonga izinto eziziziseko sendalo ephondweni kwaye lukhokhelise phambili iindawo ezinendidi zobutyebi, ngelixa lukwaqinisekisa uphuhliso oluzinzileyo. Ngokuphandle, i-WCBSP iqinisekisa ukuthathwa kwezigqibo ngokufanelekileyo kwindawo ebuthathaka ephakathi kwendalo kunye nenkqubela-phambili.

## Iinjongo zeSicwangciso saseNtshona Koloni esingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo

I-WCBSP yasungulwa kusetyenziswa imigaqo kunye neendlela zocwangciso lwezinto ezahlukeneyo eziphilayo. Ichonga inethiwekhi ebanzi kwiphondo yeendawo eziphambili ezinezinto ezahlukeneyo eziphilayo kwiiNdawo Ezibalulekileyo Ezinezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo (CBAs) kunye neeNdawo zeNkxaso yoNxulumano lweNdalo (ESAs) eziyilelwe ukufezekisa iinjongo njengoko zichaziwe kwiSahluko sesi-5 iCandelo 34-35 lweWCBA.

Icandelo 35 le WCBA lichaza ukuba injongo yeSicwangciso seNdawo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo:

- Kukumisela oko kujoliswe kuko ngokubhekisele kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo.
- Ukuchonga ngokweendawo udidi olunye okanye ngaphezulu lweendawo eziphambili ezinezinto ezahlukeneyo eziphilayo neziya kuqinisekisa ukuba izinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nobudlelwane bendalo buhlala buhleli futhi busebenza, kuquka nonikezelo lweenkonzo ezingobudlelwane bendalo.

**Ukomelela koNxulumano lweNdalo**

Ukukwazi kobudlelwane bendalo ukugcisa iipateni zabo eziqhelekileyo zokujikelezisa izondlo kunye nokukhula kwezityalo naxa sebufumene umonakalo obangelwe kukuphazamiseka konxulumano lwendalo okanye okwenziwe ngabantu.

**Iinkonzo Zobudlelwane beNdalo**

Iinzuzo ezifunyanwa ngabantu kubudlelwane bendalo, eziquka:

(a) iinkonzo zonikezelo ezifana noveliso lokutya kunye nonikezelo lwamanzi.
(b) iinkonzo zokulawula, ezifana nolawulo lwemozulu, ubunjani bomoya okanye izifo kunye nokuncitshiswa komngcipheko weentlekele.
(c) iinkonzo ezixhasayo, ezifana nojikeleziso lwezondlo, ukwakeka komhlaba kunye nochumiso lwezityalo ngepholeni.
(d) Iinkonzo zenkcubeko, njengeenzuzo zezomoya nezokuzonwabisa.

**Ucwangciso olucwangcisiweyo lwezinto ezahlukeneyo eziphilayo**

Indlela yokucwangcisa esebenzisa isofthiwe ukubona iindawo eziphambili ezinezinto ezahlukeneyo eziphilayo ngokuqulunqa ulwazi olungendawo ukwenzela izinto ezininzi ezahlukeneyo eziphilayo (izilwanyana nezityalo) kunye neenkqubo ngezendalo (climate movement corridors, iindawo zoveliso lwamanzi, njalo njalo.) ize igqibe ekubeni ingakanani eyona ndawo incinci idingekayo ukuzikhusela. Ngaxeshanye izama ukuthintela ungquzulwano kunye nezinye iindlela zokusetyenziswa komhlaba, ithanda iindawo ezibalulekileyo kubudlelwane bendalo beendawo zamanzi amatsha kunye nokhuselo lwamanzi kwaye ikhuthaza iindawo ezineendlela zokunciphisa ngokukuko ifuthe lokutshintsha kwemozulu kunye nokuqinisekisa unxulumano kwinkangeleko yomhlaba ngokubanzi.

- Ukunika izikhokelo ezichaza iinjongo zolawulo ezinqwenelwayo ngokunxulumene nokusetyenziswa komhlaba nezibonelelo kudidi ngalunye lweendawo eziphambili ezinezintlobo ezahlukeneyo ze Ndalo..
- Ukunika izikhokelo ngocwangciso lwendawo kunye nokwenziwa kwezigqibo ukuqinisekisa uphuhliso oluzinzileyo lokusingqongileyo kunye nosetyenziso lwezibonelelo, kananjalo nokomelela konxulumano lwendalo nolweendawo ephondweni.
- Ukuqinisekisa ukuba izinto ezizisiseko zendalo kwiphondo ziyagcinwa, ukwahlulwa kobudlelwane bendalo futhi kuthintelwa ukuphela kwezinto, futhi kuqiniswa ukomelela kobudlelwane bendalo kwaneendawo ezihlala abantu ngokubhekisele kwiimpembelelo zokutshintsha kwemozulu.

IMephu yeWCBSP yiyo esisikhokelo kumalinge olawulo lwezibonelelo zendalo nawolondolozo, nto leyo eyenza kukwazi ukujoliswa ngokukuko kwiinjongo ezinxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo. Ngaphezulu, zinceda abo benza izicwangciso ekuhloleni ukuba iindlela ezahlukeneyo zokusetyenziswa komhlaba zinafuthe lini na kwindalo nasebantwini. Ezi mephu azincedi nje kuphela kucwangciso lolawulo lolondolozo koko kananjalo ekudibaniseni ngokuqhubekayo izinto ekumele ziqwalaselwe ngokubhekisele kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nocwangciso lophuhliso nolwakhiwo.

## Inthetha yotshintsho

I WCBSP ka-2023 ikhokelwa yintetha yotshintsho ukuqonda ukuba iziphumo ziyakukhokelela njani kwiinjonjongo zayo kunye neembono.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| **Umbono** | Ukubekwa phambili kwezinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nobudlelwane nendalo kukhuselwe futhi kuyalondolozwa eNtshona Koloni, ukuqinisa ukomelela kobudlelwane bendalo kunye nonikezelo lweenkonzo zobudlelwane bendalo ezinxulumeneyokwiindawo zokuhlala, ukwehlisa ifuthe lotshintsho lwemozulu. | | | |
| **Umnqophiso** | Ukunikeza nokuphumeza isicwangciso sendawo yezinto ezahlukekeyo eziphilayo esinokukwazi ukuhlanganiswa kuwo onke amasebe ukujongana nelahleko enxulumene nezinto ezahlukekeyo eziphilayo kwaye sixhase ukomelela kwezinto eziziziseko zendalo kunye nophuhliso oluzinzileyo lomntu wonke. | | | |
| **Ingxelo yeNgxaki** | • Ilahleko yezinto ezahlukekeyo eziphilayo engazange ibonwe ngaphambili.<br>• I-109 kuma-349 zeendidi zobudlelwane bendalo eNtshona Koloni ziseBungozini Obubi Kakhulu.<br>• I-16% ye-extant taxa eNtshona Koloni isebungozini.<br>• Utshintsho lwemozulu lulwenza lukhulu nangakumbi ifuthe leentlekele kwiindawo ezihlala abantu.<br>• Uphuhliso olungazinzanga kunye neendlela zokusetyenziswa komhlaba ezingafanelekanga zenza ukuba izilwanyana ziphelelwe ziindawo zazo zokuhlala.<br>• Ukwehla kwesimo sezinto ezizisiseko sendalo.<br>• Ukungasetyenziswa ngendlela efanayo yezikhokelo ze-WC BSP xa kusenziwa izigqibo nocwangciso ngosetyenziso lomhlaba. | | | |
| **Iinjongo** | Ukumiselwa koko kujoliswe kuko ngezinto ezahlukeneyo eziphilayo. | Ukuchongwa kweeNdawo eziphambili ezinezinto ezahlukeneyo eziphilayo. | Izikhokelo ngokusetyenziswa komhlaba ezenzelwe iinjongo zolawulo zodidi ngalunye lweNdawo Ephambili Enezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo esunguliweyo. | |
| **Izixhobo zokusebenza** | Amaqonga afumanekayo edatha engeendayo kunye nezikhokelo zosetyenziso lomhlaba. | Imithetho efanelekileyo nekwaziyo ukuba ithotyelwe engezinto ezahlukeneyo eziphilayo. | Ucwangciso oluhlangeneyo lamasebe aliqela. | Amaqonga entsebenziswano ephondo noomasipala axhasa ukubandakanywa nokuxhotyiswa ngezakhono. |
| **Iinjongo** | Iindawo Eziphambili Ezinezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo (iiNdawo Ezibalulekileyo Ezinezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo neeNdawo zeNkxaso yoNxulumano lweNdalo) ezikhuselwe ngokuthathwa kwezigqibo zosetyenziso lomhlaba ezisekelwe kulwazi. | Izikhokelo Zosetyenziso nocwangciso lomhlaba zeeNjongo zoLawulo Ezinqwenelwayo zodidi ngalunye lweNdawo Ephambili Enezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo zisetyenziswa ukugcina unxulumano lwendalo luhlale lunjalo kunye nozinzo nokomelela kobudlelwane bendalo. | Izinto eziphambili ngokubhekisele kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo zifakwe ekuthathweni kwezigqibo. | Ukomelela kobudlelwane bendalo kunye neendawo zabantu zokuhlala kwiimpembelelo zokutshintsha kwemozulu zenziwe zomelele. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| **Uveliso** | Ugunyazizo ngokubhekisele kokusingqongileyo lusekelwe kwiWC BSP. | Izikhokelo zoomasipala ezingophuhliso lweendawo zibonisa iindidi ezihlanganisa iindawo eziphambili ezinezinto ezahlukeneyo eziphilayo kwi-WC BSP. | Iimveliso ezingundoqo kunye nezenzo zokuxhobisa ngezakhono. | |
| **Iziphumo** | Usetyenziso nocwangciso lomhlaba lusekelwe kweyona nzululwazi iphambili ikhoyo. | Ukuthotyelwa ngokungcono kwemithetho enxulumene nezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo. | Ukugcinwa kwezinto eziziziseko zendalo. | Ukuphunyezwa koko kujoliswe kuko ngokubhekisele kwizinto Ezahlukeneyo Eziphilayo. |

## Incubeko yesizwe kwezendalo eNtshona Koloni

iNtshona Koloni ikummandla osemazantsi ntshona waseMzantsi Afrika, ijikelezwe luLwandle i-Indian emazantsi kunye noLwandle i-Atlantic kwicala elingasentshona nasemazantsi ntshona, malwandle lawo mabini ahlangana eCape Agulhas, eyona ndawo isemazantsi yase-Afrika. Ikakhulu iyindawo esoloko inemvula ebusika, kunye nehlobo elifudumeleyo ukuya kwelishushu kwakunye neemvula ezipholileyo ebusika, enemozulu efanayo nezinye iintlobo zobudlelwane bendalo beMediterranean ezikwindawo yaseMediterranean, iindawo ezithile eChile, eCalifornia, nakwiindawo ezithile zaseMazantsi Ntshona kunye naseMazantsi Mpuma e-Australia. Imvula inetha ngokulinganayo unyaka wonke ukuya kwicala elingasempuma kubekho neemvula ezingezizo ezexesha lonyaka kwiKoloni esemaZantsi. Imvula iyancipha ngakumbi kwiindawo ezingekho ngaselunxwemeni, nalaphi iiNtaba ze-Cape Fold zithi ziyisithe imvula. Ummandla weNama Karoo okwiindawo ezisemantla mpuma kwiphondo uneemvula ezininzi kakhulu zasekupheleni kwehlobo neziba neendudumo ezimandla.

Eyona milambo iphambili yaseNtshona Koloni yiMilambo iBerg, iBreede, i-Olifants kunye neGouritz, kwaye omnye nomnye kuyo wenza umsebenzi obalulekileyo ngokunxulumene neemfuno zamanzi zamacandelo ohlukeneyo oqoqosho kwiphondo elomileyo kakhulu ubukhulu becala. Iintaba ezikhankanywe apha ngasentla ziziindawo ezibalulekileyo ezibamba amanzi emvula ukwenzela imilambo, nanjengoko ezi ngingqi ziba neemvula ezininzi. Indibaniselwano yokwahluka okukhulu kwetopografi, nokuthi kukhokelele kumazinga aphezulu okuguquguquka kwemozulu kwimigama emifutshane, ukwahluka kwijiyoloji kunye nemihlaba kubangele amazinga aphezulu eNtshona Koloni, ingakumbi kuMmandla weCape Floristic kunye neSucculent Karoo Biome.

Ummandla weCape Floristic ngummandla omhle oneentlobo-ntlobo zezinto eziphilayo ezingaqhelekanga kunye nezizezendawo leyo. Ngaphakathi kulo mmandla mncinci, kuchuma iintlobo-ntlobo zezityalo zevascular ezingaphezulu kwe-9,000, nalapho iipesenti ezingama-69 percent zazo izizityalo ezisoloko zikho kulo ndawo. Uninzi lwezi zityalo zihle ziziintlobo ngeentlobo zinxulunyaniswa ne-fynbos biome, eluhlobo lweMediterranean, neyimithana ekhula kancinci ibe ngamatyholo athandwa yimililo. Zithatha indawo engaphantsi kwe-0.5 pesenti yendawo engumhlaba yase-Afrika, ezi zityalo zixhasa malunga neepesenti ezingama-20 zeentlobo-ntlobo zezityalo kwilizwekazi. Le ndawo ilikhaya kolona xinwano lukhulu lweentlobo zezityalo eziphambili ezingezizo ezetropika kwihlabathi jikelele. Okumangalisayo kukuba, ilikhaya kwiintsapho zezityalo ezintlanu kwezili-12 ezisoloko zikho eMzantsi Afrika kunye ne-160 ezizezendawo leyo. Oku kwahluka kwezinto kunegalelo elikhulu kuqoqosho lwenginqi, nalapho ushishino ngeentyatyambo zasendle lulodwa nje kuphela lwenza igalelo eliqikelelwa kwi-R150 miliyoni rhoqo ngonyaka kwiMveliso yeLizwe yaseNtshona Koloni.

Nakuba kunjalo, ummandla osentshona koloni ujongene nemiceli-mngeni emikhulu. Izenzo ezingazinzanga zokusetyenziswa komhlaba, iintlobo zezityalo ezingezizo ezendawo leyo ezihlaselayo, iipateni ezitshintshayo zemozulu, iziphumo zotshintsho lwemozulu, kwaye noxinzelelo lophuhliso lubeka emngciphekweni ezo ndawo zingamakhaya azo. Ngenxa yezi zinto ziyimiceli-mngeni namazinga aphezulu ezinto ezifumaneka kwindawo ethile kunye nokwahlukana kwezinto, ifumene iwonga lokuba yiNdawo Enezinto Ezahlukeneyo Eziphilayi kwiHlabathi Jikelele. Ukuqinisekisa ulungelelwano olubuthathaka phakathi kokukhusela izinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nokukhuthaza uphuhliso lolwakhiwo noqoqosho kuhlala kungumceli-mngeni oqhubekayo nobalulekileyo.

## Usetyenziso olucetywayo nokuphunyezwa kwezicwangciso ezingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo nezinto eziphilayo (WCBSP)

I-WCBSP kujongwe ekubeni ibe yeyona ndlela yokufundisa iphambili malunga nendawo yezinto ezahlukeneyo eziphilayo eNtshona Koloni. Imephu yeWCBSP kunye nezikhokelo ezinxulumeneyo zinokusetyenziswa kwiindidi ezintlanu eziphambili zosetyenziso ekwenziweni kwezigqibo ezinxulumene nokusetyenziswa komhlaba nezibonelelo:

- **Ulondolozo lwendalo kwangexesha:** njengokubona umhlaba onexabiso eliphezulu ngokwezinto ezahlukeneyo eziphilayo ukwenzela ukwandiswa kunye nokuhlanganiswa kweendawo ezikhuselweyo, nokuba kungezivumelwano zolawulo lwezinto ezahlukeneyo eziphilayo, ukuthathwa komhlaba okanye ezinye izixhobo ezinokuthi ziveliswe, umz. iqhinga-nkqubo lolinganiso / ulinganiso kokubhanka.
- **Ukwenza izicwangciso zangaphambili kwangoko:** njengokudityaniswa kwe-CBAs, i-ESAs, kunye nezikhokelo zosetyenziso lomhlaba kwizixhobo zocwangciso lwendawo zikamasipala wengingqi okanye izixhobo zolawulo lokusingqongileyo.
- **Izicelo zophuhliso:** njengezicelo zoGunyaziso Lokusingqongileyo ngokwemimiselo yoMthetho kaZwelonke woLawulo Lokusingqongileyo onguNombolo 107 ka-1998 (NEMA); izigqibo ngosetyenziso lomhlaba kulimo (umz., iimvme zokulima) ngokwemimiselo yoMthetho woLondolozo lweZibonelelo zoLimo onguNombolo 43 ka-1983 (CARA); izigunyaziso zokukhangela nokwembiwa kwemigodi ngokwemimiselo yoMthetho woPhuhliso lweZibonelelo zeZimbiwa nePetroleum onguNombolo 28 ka-2002 (MPRDA) kwakunye neNEMA, kunye nezigqibo ezingocwangciso lokusetyenziswa komhlaba ngokwemimiselo yoMthetho woCwangciso lweNdawo noLawulo Lokusetyenziswa koMhlaba onguNombolo 16 ka-2013 (SPLUMA) kunye noMthetho woCwangciso Lokusetyenziswa koMhlaba waseNtshona Koloni onguNombolo 3 ka-2014 (LUPA).
- **Uvuselelo:** njengokukhangela iindawo eziphambili ezinezinto ezahlukeneyo eziphilayo ezidinga ukuvuselelwa okanye esinye isenzo zokuphucula imeko yokungqongileyo kunye nokuvuselela ipateni yezinto ezahlukeneyo eziphilayo kuye neenkqubo zonxlumano lwendalo.
- **Ulondolozo olwenzele ulawulo:** lunceda ekuchongweni kweendawo ezingathi zibekho zokulawula.

## Ukhankanyo lwabasebenzisi beWCBSP ekujoliswe kubo

I-WCBSP kumele isetyenziswe ngawo onke amacandelo abandakanyekayo kucwangciso nokwenziwa kwezigqibo ngosetyenziso lomhlaba eNtshona Koloni ukuqinisekisa ukukhuselwa kwezinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nezinto ezisisiseko zendalo kwakunye nonikezelo lweenkonzo ezibalulekileyo ngobudlelwane. Oku kuquka abasebenzisi (umz., amasebe karhulumente) ekudingeka ukuba asebenzise isicwangciso esi ukufezekisa iimfuno zasemthethweni okanye ezemigaqo-nkqubo, kwakunye nabo basebenzisi abasifumana siyindawo yolwazi eluncedo kwiinkqubo zabo zocwangciso.


Abona basebenzisi baphambili beWCBSP baquka amasebe karhulumente kazwelonke nawamaphondo, ii-arhente zolondolozo lwendalo, abacwangcisi beendawo kunye namanye amagosa koomasipala bendawo nabengingqi, iingcali ngokusingqongileyo kuquka iingcali zovavanyo locwangciso nokusingqongileyo, izazinzulu ngezinto ezahlukeneyo eziphilayo nolondolozo lwendalo ezikumaziko ophando, icandelo labucala kunye nemibutho yentlalo, abaqulunqi bamaqhinga-nkqubo abanxulumene neenkqubo zolawulo lwezendalo (umz., Ukusebenzela Amanzi, Ukusebenza Emlilweni, kunye nokuSebenzela Imigxobhozo), kwakunye nabanikazi bemihlaba abaceba ukutshintsha indlela abawusebenzisa ngayo umhlaba.

## Isicwangciso esingeentlobo zezilwanyana nezityalo ezohlukeneyo nezinto eziphilayo (WCBSP)

Uxwebhu lwe-WCBSP lusebenza njengerekhodi egunyazisayo exhasa zonke iinkalo eziyinxalenye yeSicwangciso seNdawo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo. Aluchazi nje kuphela ukutyeba kolwazi olungezinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nosetyenziso lomhlaba nolwakhokelela ekuqulunqweni kweMephu yeWCBSP, koko lukwanikeza ngezikhokelo ezibalulekileyo ezingosetyenziso lomhlaba ukuzama ukuphucula ulawulo olululo lwezinto ezahlukeneyo eziphilayo.

## Imephu yesicwangciso sendawo yezinto ezahlukeneyo eziphilayo

I-WCBSP iquka imephu yezinto ezahlukeneyo eziphilayo ebonisa iiNdawo Eziphambili Ezinezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo (CBAs) okanye iiNdawo zeNkxaso yoNxulumano lweNdalo (ESAs), ezidinga ukukhuselwa kwiphondo lonke, ichaphazela iindawo ezisemhlabeni, kwanezo ezisemachibini nasemilanjeni, ngokunjalo neendawo eziphambili ezihlala izilwanyama elunxwemeni nasechwebeni (Umboniso1). Le mephu, enemaleko emininzi, inikeza ngedata efanelekileyo engendawo ebalulekileyo xa kusenziwa izigqibo ezingocwangciso neziya kukhokelela kuphuhliso oluzinzileyo kwakunye nolondolozo lwezinto ezahlukeneyo ezibalulekileyo eziphilwayo kunye nezinto eziziziseko zendalo.




**Umboniso1:** *Isicwangciso saseNtshona Koloni seNdawo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo sika-2023*

## Iinkcazelo neeNjongo zoLawulo zeeNdidi zeMephu yeSicwangciso seWCBSP

Ukuquka izinto eziphambili ngokubhekisele kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo kwizicwangciso zendawo zoomasipala esele zikho, oomasipala basungule iinkqubo zokwahlula umhlaba ngokokusetyenziswa kwawo njengenxenye yeZikhokelo Zophuhliso lweeNdawo ekumele zihambelane neendidi ezahlukeneyo zeWCBSP (ngokweCandelo 37(c) leWCBA). Amacandelwana angaphantsi awohlukeneyo weNdawo Ephambili Enezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo, iintsingiselo zawo kunye neenjongo ezinqwenelwayo zolawulo zishwankathelwe Ithebhule 1.

**Ithebhule 1:** *Isishwankathelo ngeendidi zemephu neentsingiselo zazo.*

| Udidi lweMephu | Inkcazelo | Injongo Enqwenelwayo yoLawulo | Udidi olungaphantsi |
|---|---|---|---|
| **Ummandla Okhuselweyo** | Iindawo ezibhengezwe ngengeendawo ezikhuselweyo ngokwemithetho kazwelonke neyamaphondo. | Kumele zigcinwe zikwisimo sendalo, ngesicwangciso solawulo esingqale ekugcineni nasekwenzeni ngcono isimo sezinto ezahlukeneyo eziphilayo. Umlinganiselo wezinto ezahlukeneyo eziphilayo. | |
| **Indawo yoku-1 Ebalulekileyo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo** | Iindawo ezikwimo yendalo ekudingeka ukuba zifezekise oko kujoliswe kuko ngokwezinto ezahlukeneyo eziphilayo, ukwenzela iintlobo ezahlukeneyo zezityalo, ubudlelwane bendalo okanye iinkqubo zonxulumano neziseko zendalo. | Ukuyigcina ikwisimo sendalo okanye iphantse ibe kwisimo sayo sendalo, kungekho kuphela kungakumbi kweendawo ezihlala izilwanyana. Iindawo esehlileyo isimo sazo kufuneka zibuyiselwe kwisimo sangaphambili. | **Umlambo**<br>**Ichweba**<br>**Imigxobhozo**<br>**Ihlathi**<br>**Emhlabeni** |
| **Indawo yesi-2 Ebalulekileyo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo** | Iindawo ezinesimo sazo esehlileyo okanye esingasafaniyo nakuqala ekudingeka ukuba zifezekise oko kujoliswe kuko ngokubhekisele kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo, ukwenzela iintlobo ezahlukeneyo zezityalo, ubudlelwane bendalo okanye iinkqubo zonxulumano neziseko zendalo. | Ukugcina kwisimo esisebenzayo, sendalo, okanye esikufuphi neso sendalo, kungekho monakalo ugaphaya weendawo ezingamakhaya endalo kwizityalo nezilwanyana. Ezi ndawo kufuneka zibuyiselwe kwisimo sazo sangaphambili. | **Sehlile isimo sayo** |
| **Indawo yoku-1 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo** | Iindawo ezingabalulekanga ekufezekiseni oko kujoliswe kuko ngokubhekisele kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo kodwa ezidlala indima ebalulekileyo ekuxhaseni ukusebenza kwe-PAs okanye i-CBAs kwaye zisoloko zibalulekile ekunikezeleni ngeenkonzo ezinxulumene nobudlelwane bendalo. | Ukugcina kwisimo esisebenzayo, kunye neso sisondeleyo kwesendalo. Okunye ukonakala kweendawo ezingamakhaya endalo kwizityalo nezilwanyana kwamkelekile, xa nje iinjongo eziphambili ezinxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo kwakunye nokusebenza konxulumano lwendalo kungabekwanga emngciphekweni. Ukugcina nokuphucula iindawo ezikhuselweyo njengoko zichongiwe njengeMithombi Yamanzi ye-ESA kunye noTshajo Lwamanzi kubalulekile ekukhuseleni imithombo yamanzi, ingakumbi kwiiNdawo eziyiMithombo Yamanzi ngokweQhinga-nkqubo (SWSAs). | **Umqolo okwingquzu yentlabathi**<br>**Ihlathi**<br>**Ikhorido Yotshitsho lweMozulu**<br>**Ukhuselo lweZibonelelo Zaselunxwemeni**<br>**Ubudlelwane Bendalo Obusengozini**<br>**Umlambo**<br>**Ichweba**<br>**Imigxobhozo**<br>**Ukhuselo lweMijelo yaManzi**<br>**Ukhuselo loMthombo waManzi**<br>**Ukhuselo loTshajo kwakhona kwaManzi** |
| **Indawo yesi-2 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo** | Iindawo ezingabalulekanga ekufezekiseni oko kujoliswe kuko ngokubhekisele kwizinto ezahlukeneyo eziphilayo kodwa ezinendima ebalulekileyo ekuxhaseni ukusebenza kwe-PAs okanye i-CBAs. Zisoloko zibalulekile ekunikezeleni ngeenkonzo ezinxulumene nobudlelwane bendalo. | Ukuvuselela kunye/okanye ukulawula ukuze kuncitshiswe ifuthe kukusebenza kwezinto ezisisiseko ngokwendalo; ingakumbi iinkonzo ezinxulumene nomhlaba kunye namanzi. | **Ulungiso Ngenxa Yezinto Ezingeyondalo** |
| **Indawo yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo: Iintlobo Ezithile Ezingaphezulu** | Emhlabeni Iindawo apho Kungekho Ndalo Ishiyekileyo ezinikeza umsebenzi wenkxaso ebalulekileyo kwizityalo nezilwanyana ezisengozini okanye ezikhuselweyo umz. Umhlaba olinyiweyo onxulunyaniswa neendawo zokuzalela/ zokulala. | Ukugcina indlela umhlaba osetyenziswa ngayo njengangoku okanye ukubuyisela kwisimo sendalo sangaphambili esisebenzayo. | **Iintlobo Ezithile** |

| Udidi lweMephu | Inkcazelo | Injongo Enqwenelwayo yoLawulo | Udidi olungaphantsi |
|---|---|---|---|
| **Eminye Imimandla Yendalo: Isimo seNdalo ukuya Kwesisondeleyo kweso seNdalo** | Iindawo ezingachongwanga njengezo ziphambili kwisicwangciso sezinto ezahlukeneyo eziphilayo kodwa ezisabugcinileyo ubuninzi beempawu zazo zendalo kwaye ezenza imisebenzi eliqela enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nezinto ezisisiseko zendalo. Zonke zisenendawo ebalulekileyo kubudlelwane bendalo. | Ukunciphisa ukuphela kweendawo ezingamakhaya ezilwanyana nezityalo kunye nokuqinisekisa ukusebenza kobudlelwane bendalo ngokusebenzisa ucwangciso lwendawo ngokweqhinga-nkqubo. Yenza ukuba usetyenziso lomhlaba oluvumelekileyo lukwazi ukwenziwa, kodwa kudingeka ugunyaziso kusetyenziso oluyakuthi lube nempembelelo enkulu. | **Isimo seNdalo ukuya Kwesisondeleyo kweso seNdalo** |
| | | | **Sehlile isimo sayo** |
| **Akukho Ndalo Ishiyekileyo** | Iindawo ezitshintshileyo ngenxa yokusetyenziswa ngabantu kangangokuba ayisezizo iindawo zendalo okanye azisakwazi ukufezekisa oko kujoliswe kuko ngokwezinto ezahlukeneyo eziphilayo. Ezi ndawo zisengakwazi ukuqhubeka zisenza imisebenzi engephi enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo kunye nezo zisisiseko sendalo, nokuba ngaba azikho phambili nokomsebenzi wolondolozo. | Zilawulwe ngendlela enobuthathaka ngokunxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo, kujoliswe ekwandisweni kokusebenza kwazo ngokwendalo. Yenza ukuba kube nokukwazi ukubakho usetyenziso lomhlaba oluvumelekileyo, kodwa kusengadingeka ugunyaziso kusetyenziso oluyakuthi lube nempembelelo enkulu. | **Akukho Ndalo Ishiyekileyo** |

## Izikhokelo ngokusetyenziswa komhlaba

Into ezingqale kuyo izikhokelo ngokusetyenziswa komhlaba eziqulethwe kwiWCBSP kukubona usetyenziso lomhlaba oluhambelana nokugcina kunye nokuphumeza oko kujoliswe kuzo ngokwezinto ezahlukeneyo eziphilayo. Ngoko ke, kufanele, zisetyenziswe ndawonye nezikhokelo zamanye amasebe ezifanelekileyo ezingabe ziyafumaneka kwiphondo.

Injongo ephambili yezikhokelo ngokusetyenziswa komhlaba ezinikezwe apha ngezantsi kukunika isikhokelo kucwangciso kunye nokwenziwa kwezigqibo kwi-CBAs ne-ESAs zasemhlabeni nezamanzi amatsha ezibonwe emhlabeni ngaphandle kweendawo ezikhuselweyo. Kumacandelo alandelayo, kunikwe iziphakamiso ezibanzi ngodidi ngalunye olukwiMephu yeWCBSP, ngokunxulumene neeNjongo zoLawulo Ezinqwenelwayo kunye nosetyenziso lomhlaba olufanelekileyo. Izikhokhelo zokubona usetyenziso lomhlaba kwi-CBAs zinikeziwe Ithebhule 2.

**Ithebhule 2:** *Iindidi zeeNdawo Eziphambili Ezinezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo kunye neMimandla Yosetyenziso loMhlaba ikunye neeNjongo zoLawulo Ezinqwenelwayo*

| Ewe<br>Usetyenziso lomhlaba olufanelekileyo nolungenakufane lubeke emngciphekweni injongo enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo | Luthintelwe<br>Usetyenziso lomhlaba olungathi lubeke emngciphekweni injongo enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo kwaye luvunyelwa kuphela ngaphantsi kwemiqathango ethile | Hayi<br>Usetyenziso lomhlaba oluya kubeka emngciphekweni injongo enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo kwaye aluvumelekanga |
|---|---|---|

| Imephu neeNdidi Zosetyenziso loMhlaba | | Ummandla Okhuselweyo | Indawo yoku-1 Ebalulekileyo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo | Indawo yesi-2 Ebalulekileyo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo | Indawo yoku-1 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo: Emhlabeni | Indawo yoku-1 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo: Amanzi | Indawo yesi-2 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo | Indawo yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo: Iintlobo Ezithile Ezingaphezulu | ONA: Eyendalo ukuya Kwephantse ibe Yeyendalo | ONA: Sehlile isimo sayo | Akukho Ndalo Ishiyekileyo |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ulondolozo lwendalo | Ummandla Okhuselweyo Obhengeziwe yo | Ukusetyenziswa komhlaba kwiindawo ezibhengezwe njengezo zikhuselekileyo kuxhomekeke kwisicwangciso solawulo esenzelwe indawo kanye leyo ikhuselweyo. | Ewe | Ewe | Ewe | Ewe | Ewe | Luthintelwe | Ewe | Luthintelwe | Luthintelwe |
| | Ezinye iiNdawo zeNdalo | | Ewe | Ewe | Ewe | Ewe | Ewe | Ewe | Ewe | Luthintelwe | Luthintelwe |
| Ulimo | Ulimo Olungekho banzi | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| | Ulimo Olubanzi | | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe | Ewe | Ewe |
| Ukhenketho Nokuzonwabisa | Izibonelelo Ezinempembelelo Esezantsi | | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe | Ewe |
| | Izibonelelo Ezinempembelelo Ephezulu | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| Indawo Yokuhlala Esemaphandleni | Indawo Yokuhlala Yabasebenzi beZolimo | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| | Iindawo Ezincinci zokuhlala | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe | Ewe |
| Ezidolophini | Iindawo zokuhlala esele zikho nokwanda kweendawo zasezidolophini | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| | Izibonelelo namaZiko Asekuhlaleni | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |

**Ithebhule 3 Iyaqhubeka:** *Iindidi zeeNdawo Eziphambili Ezinezinto Ezahlukeneyo Eziphilayo kunye neMimandla Yosetyenziso loMhlaba ikunye neeNjongo zoLawulo Ezinqwenelwayo*

| Ewe<br>Usetyenziso lomhlaba olufanelekileyo nolungenakufane lubeke emngciphekweni injongo enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo | Luthintelwe<br>Usetyenziso lomhlaba olungathi lubeke emngciphekweni injongo enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo kwaye luvunyelwa kuphela ngaphantsi kwemiqathango ethile | Hayi<br>Usetyenziso lomhlaba oluya kubeka emngciphekweni injongo enxulumene nezinto ezahlukeneyo eziphilayo kwaye aluvumelekanga |
|---|---|---|

| **Imephu neeNdidi Zosetyenziso loMhlaba** | | Ummandla Okhuselweyo | Indawo yoku-1 Ebalulekileyo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo | Indawo yesi-2 Ebalulekileyo yeZinto Ezahlukeneyo Eziphilayo | Indawo yoku-1 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo: Emhlabeni | Indawo yoku-1 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo: Amanzi | Indawo yesi-2 yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo | Indawo yeNkxaso yoNxulumano lweNdalo: Iintlobo Ezithile Ezingaphezulu | ONA: Eyendalo ukuya Kwephantse ibe Yeyendalo | ONA: Sehlile isimo sayo | Akukho Ndalo Ishiyekileyo |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ushishino noRhwebo | Ushishino kwiiNdawo Zasemaphandleni | Ukusetyenziswa komhlaba kwiindawo ezibhengezwe njengezo zikhuselekileyo kuxhomekeke kwisicwangciso solawulo esenzelwe indawo kanye leyo ikhuselweyo. | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| | Ushishino olungabekelwanga ndawo ithile (impembelelo esezantsi ukuya kwephakathi) | | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| | Ushishino olungabekelwanga ndawo ithile (impembelelo ephezulu) | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| | Umbane Ovuselelwayo | | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Hayi | Luthintelwe | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| | Ushishino Lokukhupha (kuquka Ukuhlola) | | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe |
| Ufakelo Lweziseko Zophuhliso | Imigca – iindlela nezoololiwe | | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Hayi | Luthintelwe | Ewe | Ewe |
| | Imigca – imibhobho nemijelo | | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe | Ewe |
| | Imigca – iintambo zombane | | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe | Ewe |
| | Ezinye Izinto Eziluncedo | | Hayi | Hayi | Luthintelwe | Hayi | Luthintelwe | Luthintelwe | Luthintelwe | Ewe | Ewe |

## Ungazifumana njani iinkcukacha ezithe vetshe ngesicwangciso saseNtshona Koloni seNdalo (WCBSP)

Iikopi ezi-elektronikhi zeWCBSP ziyafumaneka kule webhusayithi ilandelayo: https://www.capenature.co.za/western-cape-biodiversity-spatial-plan

Imiqulu eprintiweyo yeWCBSP iya kufumaneka kumathala eencwadi kwaba masipala balandelayo/kwizakhiwo zikarhulumente:

| iOfisi | Idilesi | uMasipala |
|---|---|---|
| iThala leeNcwadi loLuntu laseBeaufort West | 15 Church Sitalato, eBeaufort West | uMasipala waseBeaufort West |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseNoordhoek | kwiNdlela Voortrekker, eVelddrif | uMasipala waseBerg River |
| iThala leeNcwadi loLuntu lasePiketberg | eChurch Sitalato, ePiketberg | uMasipala waseBerg River |
| iThala leeNcwadi loLuntu lasePorterville | eMark Sitalato, ePorterville | uMasipala waseBerg River |
| kwiOfisi yeCapeNature, eKeurbooms Nature Reserve | 7 Zenon Sitalato, ePlettenberg Bay | uMasipala waseBitou |
| iThala leeNcwadi loMmandla waseWorcester | 22 Adderley Sitalato, eWorcester Central, Worcester | uMasipala waseBreede Valley |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseBredasdorp | 5 Church Sitalato, eBredasdorp | uMasiapal waseCape Agulhas |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseNapier | 3 Newmark Sitalato, eNapier | uMasipala waseCape Agulhas |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseStruisbaai | Kwikona yeFirst neBua e-Centre, eDenne Avenue, eSetruisbaai | uMasipala waseCape Agulhas |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseCitrusdal | 12 Muller Sitalato, eCitrusdal | uMasipala waseCederberg |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseClanwilliam | 25 iNdlela iMain, eClanwilliam | uMasipala waseCederberg |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseLamberts Bay | 36 Church Sitalato, eLamberts Bay | uMasipala waseCederberg |
| iOfisi kaMasipala waseBeaufort West | 112 Donkin Sitalato,e Beaufort West | uMasipala waseCentral Karoo District |
| kwiOfisi eyiNtloko yeCapeNature | kwiKona yeBosduif neolstruis Sitilato, eBridgetown, Aethlone | iSixeko saseKapa |
| kwiHolo loLuntu laseMamre | Liedeman Sitalato, eMamre, eKapa | iSixeko saseKapa |
| iOfisi yeCapeNature, eLimietberg Nature Reserve | 27 Mill Sitalato,e Lemoenkloof, ePaarl | uMasipala waseDrakenstein |
| iHolo leDolophu yasePaarl | 250 iNdlela iMain, ePaarl | uMasipala waseDrakenstein |
| iHolo loLuntu laseHuguenot | 2A Abattoir Sitalato, eKlippiesdal, ePaarl | uMasipala waseDrakenstein |
| iOfisi yeCapeNature, eOuteniqua Nature Reserve | Witfontein Forestry Station, Outeniqua Nature Reserve, kwiNdlela iWitfontein, eGeorge | uMasipala waseGeorge |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseHeidelberg | 1 Van Riebeeck Sitalato, eHeidelberg | uMasipala waseHessequa |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseRiversdale | 50 Van den Berg Sitalato, eRiversdale | uMasipala waseHessequa |
| iZiko loLondolozo leMbali laseCalitzdorp | Van Riebeeck Street, Calitzdorp | uMasipala waseKannaland |
| iHolo leDolophu laseLadismith | 19 Queen Sitalato, eLadismith | uMasipala waseKannaland |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseKnysna | 2 Memorial Sitalat, eKnysna | uMasipala waseKnysna |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseSedgefield | 12 Flamingo Sitalato, eSedgefield | uMasipala waseKnysna |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseLaingsburg | Van Riebeeck Sitalato, eLaingsburg | uMasipala waseLainsburg |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseRobertson | 30 Van Reenen Sitalato, eRobertson | uMasipala waseLangeberg |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseEureka (eVredendal) | kwiNdlela iBult, eVredendal North | uMasipala waseMatzikama |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseVanrhynsdorp | 9 Church Sitalato, eVanrhynsdorp | uMasipala waseMatzikama |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseVredendal | 37 Church Street, Vredendal | uMasipala waseMatzikama |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseMossel Bay | 99 Marsh Sitalato, eMossel Bay | uMasipala waseMossel Bay |
| iOfisi yeCapeNature, eOudtshoorn | kwiSakhiwo seQueens Hotel, kwiSitalato iBaron van Reede, Oudtshoorn | uMasipala waseOudtshoorn |
| iiOfisi zeCapeNature, eWalker Bay | 16 17th Avenue, eVoelklip, eHermanus | uMasipala waseOverstrand |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseHermanus | 66 Duiker Sitalato, eHermanus | uMasipala waseOverstrand |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseKleinmond | 44 e5th Avenue, eKleinmond | uMasipala waseOverstrand |
| iThala leeNcwadi laseStanford | 155 iSitalato iQueen Victoria, eStanford | uMasipala waseOverstrand |
| iThala leeNcwadi loLuntu lasePrince Albert | iSitChurch, ePrince Albert | uMasipala wasePrince Albert |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseVredenburg | 2 iSitalato iAcadem, eLouwville, eVredenburg | uMasipala waseSaldanha Bay |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseFranschhoek | 9 iSitalato iReservoire, eFranschhoek | uMasipala waseStellenbosch |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseStellenbosch | Plein Sitalato, eStellenbosch Central, eStellenbosch | uMasipala waseStellenbosch |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseMalmesbury | 44 iNdlela iVoortrekker, eMalmesbury | uMasipala waseSwartland |
| iOfisi kaMasipala waseYzerfontein | 46 iNdlela iMaine, eYzerfontein | uMasipala waseSwartland |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseBarrydale | 12 Bain Sitalato, eBarrydale | uMasipala waseSwellendam |
| iThala leeNcwadi laseSwellendam | 51 Voortrek Sitalato, eSwellendam | uMasipala waseSwellendam |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseGreyton | 2 Hoof Sitalato, eGreyton | uMasipala waseTheewaterskloof |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseRiviersonderend | 28 Buitekant Sitalato, eRiviersonderend | uMasipala waseTheewaterskloof |
| iOfisi yeCapeNature, eWaterval | Waterval Nature Reserve, eTulbagh | uMasipala waseWitzenberg |
| iThala leeNcwadi eliNcinci laseOp die Berg | 44 kwiNdlela iVoortrekker, eCeres | uMasipala waseWitzenberg |
| iThala leeNcwadi loLuntu laseTulbagh | iSitalato iPlein, eTulbagh | uMasipala waseWitzenberg |

Ukufumana ulwazi olungaphezulu, nceda uqhagamshelane:

CapeNature

Private Bag X29, Gatesville, 7766

I-imeyile: wcbsp2023@capenature.co.za

